INDLELA YOBOMI YOMPHAKATHI WELIZWE LONKE LAMA-AIDAN NAMA-HILDA
UMPHAKATHI OWAZIWA NJENGO ANAMACHARA.

Lo ngumphakathi wabantu behlabathi jikelele abathatha uhambo noThixo, beqhagamshelana noMoya Oyingcwele, izibhalo ezingcwele, abangcwele/amaKrestu, izitalato, amaxesha onyaka kunye nomhlaba. Olu qhagamshelwano luye luphuhlise umendo wobomi, imithandazo kunye neqela labahlobo bomphefumlo.

Ilungu ngalinye lalo mphakathi liza kunxulumaniswa noMhlobo Womphefulo ozakuye ancedise ilungu ngalinye liphuhlise indlela yokuphila ngendlela efanele ilungu elo. Indlela yokuphuhlisa iza kuye ihlolwe lilungu Nomhlobo Womphefumlo emveni kwamaxesha athe akhethwa sesisibini.

Imimiso Emithathu Enikeza Ubomi

Njengalo lonke olunye uluntu nemiphakathi yamaKrestu, sinezibhambhathiso ezinthathu. Ezi zibhambhathiso BUBULULA, UBUNYULU kunye NOKUTHOBEKA. Ezi zibhambhathiso siye sizijonge njengezimiso kunokuba sizijonge njengemithetho nemigaqo.

UBULULA

Kwesi isibhambhathiso kubhekiselwa ekubeni ubani azimisele kwaye avumele ukuba abelihlwempu okanye isityebi sikaThixo ngokwentando kaThixo. Siye silwe iinkanuko ezibangela ukuba sinyoluke kwaye asiye sibaqhathe abantu ukuze thina sifumane inzuzo. Kananjalo asiye sizibandakanye kwizinto ezibangela ukuba iphele imihla yethu yokuphila ebomini. Sinesibindi kwaye siyaziqhenya, asoyiki ukusebenzisa nokunikezela konke esinako kuThixo. Siye sizinekezele kwaye sinikele kuThixo singenalo uloyiko neengcina zokuba singaphila ngaphantsi kwendlala.

UBUNYULU

Isibhambhathiso sobunyulu sijongene nokwamkela nokunikezela ubuthina kuThixo, sizinekele kuye nangokuba sizigade nangokwesondo. Siyabathanda bonke abantu njengokuba uThixo esitsho kodwa iimvakalelo zesondo nokuzibandakanya ngokwesondo sikwenza xa sithe saziqhina kumaqhina omtshato nabantu esithe sabathanda ngalo ndlela. Abanye baza kuye basiphiwe isiphi somtshato nokutshata, abanye baza kubanesiphiwo sokungatshati kwaye bangazibandakanyi kwezesondo. Abo bangekaqondi ke bona baza kuye bafumane ubabalo nenceba ezakuba nceda ukuba baqhubekeke nohambo lukaThixo noxa bengekaqondi. Wonke ubani uzakuye ahlonitshwe kwaye avuyelwe ngendlela efanayo. Siyabahlonipha bonke abantu kwaye siyabamkela ngokuba bonke ngabantu bakaThixo kwaye siyabaxhasa sibamkele ngobubele.

UKUTHOBEKA

Ukuthobeka yindlela yokuba sizinikezele kuThixo sivuya. Ingcambu yentobeko nokuthobeka kukuba simamele uThixo kuba iintliziyo zethu zilambele ukumthobela uThixo. Siyabahlonipha abo bathe babekwa emagunyeni nguThixo kwaye sinqwenela ukuba sizibone kakuhle kwaye sizihloniphe izipho zabo, iindima abazidlalayo negunya labo baye bathi basebenze nomphakathi we bandla.

Ubulula, ubunyulu kunye nentobeko busiqhubela eluthandweni. Sinqwenela ukuba sizakhele ikhaya olusekelwe phezu kwalemi miselo ibonisa uthando kwaye sidlulise oluthando kwihlabathi lonke.

Ukufunda Ubomi Bakho Bonke.

Ukufunda Izibhalo Ezingcwele rhoqo kusenzulwini nasembidini Walendlela Yokuphila. Ukongeza koku, siye sifunde ngembhali yebandla lokuqala kumhlaba waseCeltic. Kananjalo siye siziqhelanise sizinxulumanise namakholwa aqhelekileyo aquka uAidan, Brigid, Caedmon, Columba, Cuthbertt, David, Hilda, Illtyd, Kevin, Ninian, Oswald, uPatrick kwaye namanye amakholwa asuka kumaxesha neendawo ezahlukeneyo.

Siye sikhumbuzane ngeentsuku zalo makholwa apho babebhiyoza besenza nemithendeleko. Kwezi nkumbulo siye siqonde ukuba inene la makholwa angamaqabane ethu kwiindlela zethu zokukholwa, kananjalo siye sicinge ngonxulumano olunamandla phakathi kwabo kunye nooBawo nooNina basentlango. Olunxulumano lunamandla lukho nakwibandla laseNtshona kwaye sinqwenela ukuba siwasondeze amakholwa aseNtshona kwizifundo zethu. Kubalulekile ukuba ezi zifundo zingaqondwa njengomsebenzi nje wezemfundo. Konke esiye sikufunde akunxulumenanga nje nesisifundo noluphando kodwa kunxulumene nokuba sifunde indlela yokuphila kwaye le Ndlela yokuphila iphilwe ngokwenene. Siye sikhuthaze abantu ngendlela yamaCeltic eye iqinisekise ukuba abantu bazigcina engqondweni zonke izibhalo kwaye bafunda besebenzisa ubugcisa.

Indlela Yokholo

Umhlobo Womphefumlo ngumhlobo esiye sithi sikhuphele konke kuye malunga nendlela yethu yokholo. Siye sihlangane nabahlobo bethu bemiphefumlo kabini ngonyaka. Umhlobo lowo uye abe ngumntu oqhelene nomphakathi wama-Aidana nama-Hilda kwaye uye abe nenjongo yokuhlola ukuba sime ndawuni kwiindlela zethu zokholo. Uye ahlole ukuba umoya oyingcwele wenzani ezimpilweni zethu kwaye usilawula njani. Umhlobo womphefumlo uye alihloniphe isiko nesithethe somntu ngamnye. Umzekelo, abanye abantu bazaye bafune ukunxulumana nomhlobo womphefumlo oqhelene nokuhlambulula nokohlwaywa kwabantu ibe lo nto iyinto abaqhelene nayo/

Umhlobo Womphefumlo ukukhomba iindlela kwiinddi ezimbini zoqeqesho ezibonwayo ukuba zibalulekile kumphakathi wethu.

1) Ukuhlehla rhoqo. Le ixhomekeke kubomi bomntu ngamnye kodwa siyakhuthaza ukuba umntu afumane iintsuku apho azathi ahlale ekuthuleni kwaye azihlohle ukuba njani, kananjalo afumane ixesha lokuba ahlehle kwizinto zobomi qho ngonyaka.

2) Uhambo lokunqula. Injongo yolu hambo kukuba ubani azisondenze ezinyaweni zika Kristu nabangcwele ukuze ubani aqhagamshelane nazo zonke izinto eziye zimehlele umhambi wonqulo. Olu hambo luye lusisondeze kakhulu ekuzinikezeleni kuThixo ngendlela enzulu kwaye luye lusikhuthaze ukuba sihambise iindaba ezilungileyo. Abantu baye bakwazi nokwakhwa amaqela okuthandaza. Umphakathi wethu uyalikhuthaza uhambo lokunqula olubhekisa kwiindawo zama-Celtiic, ezifana nase-Iona, eLindisfarne kunye nakwiindawo zovuko. Abahlobo Bomphefumlo baye baze neengcebiso malunga neendlela ezahlukeneyo zokuthi abantu bahambe uhambo lokunqula.

Ukuthandaza Rhoqo, Umsebenzi kunye Nendalo Yakutsha

Siyazinikezela kubomi bokuthandaza rhoqo. Ukuba kunyanzelekile, Umhlobo Womphefumlo uye asincede koku. Umphakahi wethu ukhuthaza ukuba sonke sinqule uThixo rhoqo. Umntu ngamnye uye avumeleke ukuba athandaze kuThixo ngendlela athanda ngayo. Lo mphakathi ukhuthaza ukuvuselelwa kweendidi zokuthandaza ezahlukeneyo (Ama-Efese 6:18) kwaye sinomdla wokuba sifunde ngezinye iindlela zokuthandaza nokunqula uThixo.

Umsebenzi: Simamkela umsebenzi njengesipho esisuka kuThixo. Lonke ilungu lethu linyazelekile ukuba lenze nawuphina umsebenzi, noba kukusebenza nje endlini okanye ukusebenzi ngokwengqesho. Umsebenzi oye aphikisane noThixo asimamekeli wona kwaye siyabakhuthaza abantu ukuba bangayamkeli imisebenzi ephikisana noThixo. Samkela yonke into esiyinikwa nguThixo. Ukuba asiphangeli okanye asiyazi ukuba uthini owethu umsebenzi siye sicele iingcebiso kuMhlobo Womphefumlo. Asinqweli ukusebenza amaxesha amade abangela ukuba singabinalo ixesha lokunxulumana nabantu kunye noThixo.

Indalo Yakutsha: Le iquka ukuphumla. Iiyure zethu zokuphuma nokudalwa ngokutsha kubalulekile njengokuba iiyure zomthandazo nomsebenzi zibalulekile. UThixo uYesu usikhumbuza ukuba iSabatha yenzelwa abantu (Marko 2;27). Kwizibhalo, umhlaba waye wanikwa iSabatha ngonyaka wesixhenxe (Levitikus 25: 3-5). Ukudingeka kokuphumla kwakukho nangexesha kudalwa (IGenesis 2:1-3). Umntu ngamnye funeke aqinisekise ukuba uyazinika ithuba lokuba aphumle ngendlela engcwele.

Praying for God's will in God's world

Jesus proclaimed the arrival of the kingdom of God. He taught his disciples to pray for its coming on earth as it is in heaven. We commit ourselves to pray for the coming of God's just and merciful rule in the situations and concerns which we encounter. This begins with our intercessions, but the pouring out of our prayers and the pouring out of our lives cannot be divided. As Cuthbert and others 'stormed the gates of heaven', so we also need to engage in and to become familiar with intercessory prayer.

Ukuphila Ubomi Obulula

Sinqwenela ukuba siphile ubomi obulula ukuze nabanye abanu benze njalo kwaye kungabikho ukugwebena ngaphakathi kwethu. Umsebenzi wethu kukuba sizisondenze kuThixo, sinikele kuye ngemali yethu, imali esithe sayilondoloza, izinto zethu nakho konke kuThixo ukuze azifumane njengokuba ethanda yena.

Ukuphila ubomi obulula kuthetha ukuba siyekelele yonke into siphile njengoko uThixo wayenwenela ekuqaleni. Zonke izinto zethu kwaye lonke unxulumano lwethu lulawulwa nguMoya kaThoxp kwaye siyazehlukanisa nezinto eziye zisonakalisi ziphinde zisingcolise ngokwasemoyeni.

Asifuni ukuphila ubomi bobuxoki kwaye siyazivuyela izinto ezintle esiye sizinikwe nguThixo. Iimpahla zethu, iimpahla zezindlu zethu kumele zibonakalise ubuthina esibunikwe nguThixo. Kukho ixesha lokubhiyoza kuphinde kubekho ixesha lokuzola. Injongo yethu kukuba sivumele inyani. Asivumelelani nomimoya yokuthanda imali ngendlela engatthandekoyo ebangela ukuba siphile ubomi ngendlela engafanalekilyo, sithandaze ngendlela enfanelekileyo, sithande ngendlela engafanelekileyo kwaye sinikele ngendlela engafanelekilyo.

Ukukhathalela Indalo kaThixo

Siyaqonda kwaye siyavuuma ukuba indalo kaThixo yindalo elungileyo kodwa iye yonakaliswa zizono zabantu nemisebenzi kaSathana. Yiyo lo nto siyihlonipha indalo nomhlaba kwaye sinqwenela ukuba yonke indalo kaThixo iphathwe ngenkathalo ibuyiselwe kwiqondo layo lokuqala. Sinqwenela ukuba sivumeleke amehlo kwizinto ezenzekayo kwindalo kule mihla, sithandaze ukuba yonke indalo kaThixo nezidalwa zikaThixo zilwe nabo bazama ukonakalisa indalo yakhe. Indalo siyibona njengento ebonisa uzuko lukaThixo kwaye sinqwenela ukunxulumana noThixo ngokwendalo yakhe, siyisekelele kwaye siyibhiyoz

Ukuphilisa Abantu Abonzakeleyo kunye Noluntu Oluqhekekileyo

Asimamkeli umoya wokuba ubani akhathalele yena yedwa kwaye sizimesele ekubeni sisebenzisa iindlela ejonga ekubeni imanyane lonke ibandla namaKristu onke njengoko kwakusenziwa kwibandla lakuqala lama-Celtic. Siyayikhuthaza imisebenzi yempiliso kaThixo nempiliso yamaKristu. Izandla asiye sizibeke kwabo bagulayo kuphela kodwa sibela izandla kuzo zonke iindawo zikaThixo ukuze ilizwe likaThixo lisikeleleke kwaye limbone uKristu. Sinqwenela ukuba ngabantu abapheleleyo sibe sikhula ngoKristu kwaye sikholelwa ukuba uzuko lukaThixo lubanokala ekubeni ubani aphile ubomi obupheleleyo.

Ukuvumela Umoya kaThixo

Siye simvumele uThixo asithathe asibeke apho uMoya wakho usisa khona nokuba le nto yenzeka kamnandi okanye kakubi, AmaKristu ama-Celtic aye nokholo kuMoya oyingcwele kwaye aye vumelana ukuya uMoya abase noba kuphi na. Nathi sifuna ukumvulela uMoya oyingcwele asiqhubele apho athanda khona.

Into ebalulekileyo kule nto kukuba sifumane ukungqina okufanelekileyo ngokwesipho sokuProfeta. UPawulosi uye acenge ukuba wonke ubani aprofete (Abakorinkte boku 1, Isahluko-14, ivesi yoku-1). Siyasihlonipha esi sipho kwaye siyayikhutha into yokuba kuprofetwe ngendlela efanelekileyo kwaye isiprofeto naso sisetyenziswe ngendlela efanelekileyo.

Ukufunda ukumamela uThixo sisakhona esilahlekayo ngoku kwaye abantu baye bathathe iminyaka ukuze basizuze esi sakhono. Sinqwenela ukuvuselela ukuthula kwangaphakathi okuye kuqonde kwaye kukhuphe bucala amazwi neengcinga ezingalunganga. Oku kuthula kuye kuncede ukuba ubani apkazi ukuqhagamshelana noThixo xa ethe wathetha naye uThixo, oku kuthula kuvula iindlela kwaye kuphulisa iliso lokhozi. Yonke le nto ibangela ubani abone kwaye ave uThixo ngokwendalo yakhe.

Umanyano

Njengokuba sisenza uphando sifunda ngembhali yebandla lamaCeltic, siye sifunde ngomanyano olwalukho kudala Phakathi kwkeethu makhristu sibe silibandla elinye. Ngalo lonke ixesha siye sizive sinentloni ngenxa yeyantlukwano ekho Phakathi kwethu makhristu kule mihla siphila kuye kwaye siyazithoba sizithobela le nto iye yabangangela iyantlukwana phakathi kwebandla laseNtshona nelaseMpuma.

Ibandla lama-Celtic laliyihlonipha imithetho nemimiselo eyayibekwe nguThixo kumaKristu. Yilo mimiselo eyaye yafumana ilishwa lokuba abantu baphulukane nayo. Namhlanje sinqwenela ukuyibuyisela lo mimiselo kwakhona. Siye siwajonge onke amaKristu nengabahambi bendlela, asibajongi njengabantu esingabaziyo. Siyawahlonipha onke amabandla amaKristu kwaye siyazibhekelisa kwizinto eziye zithi zibangele ukuba kubekho uqhekeko kwibandla likaThixo nakuMzimba kaJesu. Asizi kuthi sense izinto sedwa, sidinga umanyano ukuze sinqobe ngakumbi.

The ‘Celtic church’ was thoroughly indigenous to the people in a way that the church has rarely been since. Aidan lived alongside the people and refused to accept practices and customs that would distance him from the people and make him seem superior. The Celtic church honoured, trusted and went with the grain of the human communities it worked amongst. We seek to cultivate solidarity with all people in everything except sin, to value all that is truly human in them and to shed attitudes and practices that put up barriers between the church and the people.

Sinqwenela impiliso kubantu abathe bohlukaniswa ngenxa yemvelaphi, ubuhlunga nenkolelo kwaye siyaguquka sizithoba ngenxa yegalelo lethu kule yantlukwano.

Umbono Nomsebenzi

Injongo yethu kukuba yonke indalo inxulumaniswe noThixo ngoYesu kwakhona (Abasekolose 1:20). Sinqwenela ukuphila njengoLuntu kwama-kristu olunye ukuze lonke ihlabathi likholwe (Johane 17:21). Umnqweno wethu Wendlela Yobomi kukuba sakhe indlela yokholo efanelekileyo ezakusebenza abantu abafanelekileyo namangqina kaKristu kwihlabathi lonke.

Ibandla lase-Celtic lalivangela kuluntu oluninzi njengoluntu lwaseLindisfarne, Iona noluntu luka St David. Olwethu uvangelo kudingeka ukuba luqale kumabandla ethu luze luphumele luye kumanye abandle kweminye imiphakathi. ooBishopi abafana nooCha no Cedd babevangela konke lonto ibenza babenamandla.

Njengokuba siphila kobubomi, uMoya Oyingcwele uye asinike amacebo amatsha asikhokela ekubeni sisondeze abantu kuThixo. La macebo aqhele ukuba ngokwasemabandleni eethu. Ngamanye amaxesha kuyanceda ukuba kubekho iqela labavangeli eliye lithunywe ukuba lihambe liyokuthandaza lenze umsebenzi kaThixo kweminye imiphakathi.

Sinqwenela ukudlulisa ukholo lethu ngalo lonke ixesha xa sithe safumana ithuba. Asivengeli nje ngenxa yokuba ingumsebenzi wethu kodwa sivangela ngokuba uthixo usinike intliziyo yokuba sisondenze abo bangaqhelenanga noKristu. Sicela uThixo ukuba asisebenzise ngemimangaliso ukuze afumane uzuko.

Umsebenzi wethu uquka nokuba siye sithethelele namahlempu, abantu abangenamandla nabo baphathwa kakubi yimiphakathi yabo. Siye sishumayele kubo njengokuba uThixo ethanda.

Njengoko isipho nethuba lethu lisivumela, siye singamelani neemfundiso zobuzoki eziye ziphikise indalo kaThixo , iziqhamo zikaThixo, uthando, umthandazo, neembhonakalo kaThixo ziphinde ziyibeke enoyeni kaSt Patrick.

Abavangeli bama-Celtic babesebenzisana nabo basemagunyeni ukuze baqinisekise ukuba iinkolo nobukumkani bomhlaba buye bubengaphantsi kwesandla sikaThixo kwaye iingcangco zevangeli zaziye zivuleke. Sinqwenela ukuba sincokole kwaye sisebenzisane nabo abantu abasemagunyeni ukuze zonke iindawo zehlabathi zikhokelwe nguthixo kwaye ziphiliswe.